# Italente kaZezethu

## Imibuzo phambi kokuFunda

1. Yintoni ukhuphiswano?
2. Wakhe waya kukhuphiswano? Yayilelantoni olo khuphiswano?



EXTRACT PAGES

Injongo yolu khuphiswano kukugrumba italente yokubhala kufumaneke ababhali abatsha abasakhasayo baziwe. Ikhalile insimbi, kheleke nkqe! kheleke nkqe! Abafundi bebesele besazi ukuba bayabizwa. Kukho into ebalulekileyo eza kuthethwa. Baye bema ngomngca ngaphandle kwamagumbi abo okufunda.

Ucinga ukuba kutheni abafundi beme emigceni?



Babizelwe eholweni lesikolo bonke abafundi abachaphazelekayo. “Namhlanje bafundi nibizelwe ukuba sinazise ngokhuphiswano lokubhala. Olu khuphiswano luza kubanjelwa apha esikolweni. Imiqathango yonke niza kuyinikwa, enkosi,” utshilo utitshala wesiXhosa.

Babizelwa phi abafundi?



EXTRACT PAGES



Ngokwenene ichaziwe imiqathango kwathiwa umsitho uza kubanjelwa apha esikolweni ngomhla wesihlanu kuMatshi ngolwesihlanu weveki ezayo. Amabhaso mathathu aza kunikwa abaphumelele indawo yokuqala, eyesibini neyesithathu. Elokuqala yileptophu, elesibini yimfonomfono elesithathu ziincwadi zokubhala.

EXTRACT PAGES

Ucinga ukuba lithetha ukuthini igama elithi: imiqathango?



EXTRACT PAGES

Abafundi bonke bacelwe ukuba umsebenzi bawungenise ubhalwe ngesandla. Utitshala uMthinjana nguye ekuza kungeniswa kuye umsebenzi ngentsimbi yesibhozo kusasa ngoLwesihlanu lowo. Baqalile abafundi babhala.

Babeza kuwungenisa nini lo msebenzi abafundi?



Ifikile imini ebikade ixelwa. Ingulowo umfundi obebhalile uwungenisile umsebenzi wakhe. Ngecala emva kweyesibhozo kuyiwe eholweni, kulapho iijaji ezingootitshala abafundisa isiXhosa bezikhona. Bangena nabanye ootitshala namalungu esigqeba sesikolo.

Kuyiwe eholweni ngabani ixesha?



Bekubizwa umfundi angene aye ngqo etafileni yeejaji anikwe umsebenzi wakhe awufunde ngokuvakalayo andule ukuhlala phantsi. Bebekho abangcangcazelayo besoyika. Abanye bebenokuzithemba okugqithisileyo. Abanye bewabiza gwenxa amagama bethintitha. Bekho nababonakalisa ukuyazi into abeze kuyo.

EXTRACT PAGES

Bekusenziwa njani ukuhlola lo msebenzi?



Bafunde bonke kwada kwafikwa kowokugqibela. Indaba yasala nomfundi nexhala lokuba kuza kwenzeka ntoni. Zikhutshuzile iijaji zilungisa amaphepha azo kuza kunikwa iziphumo. Zidibanise amanqaku azo zathethana zavana ngeziphumo.

EXTRACT PAGES

Ukuba ubungomnye waba bafundi ubuzoziva kanjani ulindele iziphumo?



EXTRACT PAGES

Kunikezelwe kwijaji ukuba zikhuphe iziphumo zazo. Uphakamile utitshala uSompi wabulela kumntu wonke okhoyo eholweni. Utshilo ukuthi bonke babhale kakuhle kodwa kuyanyanzeleka babekhona abanyulwayo. Abafundi ngeli xesha babambe imiphefumlo.

Ngubani ophakame  wenza umbulelo?



EXTRACT PAGES

Utitshala umemezele ukuthi makhe baphume abafundi baye kubethwa ngumoya babuye emva kwemizuzu elishumi elinesihlanu. Ngeli xesha kungene abapheki basesikolweni nento ephungwayo kunye namaqebengwana. Emva kwekhefu kubuyelwe emcimbini.

Abafundi banikwa ixesha elingakanani?



EXTRACT PAGES

Ngalo lonke eli xesha intswahla yamakhwelo nengxolo yezandla ayiyekanga qho kubizwa la magama wabo baphumeleleyo. Inqununu yesikolo uMnumzana uSixhobo wenze udlwabevu lwentetho encoma etyibela igalelo labafundi. Ubanqwenelele amathamsanqa odwa. Uthe nabo bangaphumelelanga namhlanje ze bangatyhafi iyeza eyabo imini.

Ucinga ukuba abafundi babonwabile? Utsho ngoba?



Imini elolu hlobo ayinakuze iphume ezingqondweni zabo bonke abebelapho. Uthe omnye "Lithe lakubizwa igama lam kwaxuxuzela isisu kukoyika, kodwa ndazomeleza."

Kusongwe usuku ngokojiwa kwenyama kuselwa nezibandayo kuvuyiswana nabo bonke abathathi nxaxheba.

Isikolo senza ntoni ukuvuyisana nabafundi?

EXTRACT PAGES